basic education

Department:
Basic Education
REPUBLIC OF SOUTH AFRICA

WE SUPPORT QUALITY EDUCATION
LOVE, RESPECT AND ACCEPTANCE FOR ALL

IIMVAVANYO ZONYAKA NONYAKA KUZWELONKE 2015
IBANGA 1 ISIXHOSA ULWIMI LWASEKHAYA
UVAVANYO

AMANQAKU	

AMANQAKU: 20

IXESHA: 1 Iyure

IPHONDO _____

ISITHILI _____

ISEKETHI _____

ISIKOLO _____

INOMBOLO YE-EMIS(9 iidijithi)

IBANGA (umz. 1A) _____

IFANI _____

IGAMA _____

ISINI (✓)

INKWENKWE	

INTOMBAZANA	

UMHLA WOKUZALWA

C	C	Y	Y	M	M	D	D

Olu vavanyo lunamaphepha ali-9, ngaphandle koqweqwe.

Imiyalelo kutitshala:

1. Funda umbuzo/umyalelo ngamnye ngokucacileyo ungangxamanga.
2. Fundela abafundi umbuzo/umyalelo ngamnye kube kabini bejonge kwiincwadana zabo.
3. Musa ukubacacisela imibuzo/imiyalelo.
4. Banike ithuba lokuzibhalela iimpendulo kwizithuba abazinikiweyo.

   Ungabakhokeleli kwiimpendulo abafundi.
5. Xa begqibile qhubeka ufunde umbuzo olandelayo.
6. Yenza njalo kwimibuzo yonke ude ufike kowokugqibela.
7. Yenza nabafundi umsebenzi wokuziqhelisa.

Imisebenzi yokuziqhelisa:

1. Beka uphawu (**x**) kunobumba okwibhokisi engentla kwempendulo echanekileyo.
Le yi ...



A	B	C	~~D~~
nja.	nkomo.	nkuku.	kati.

Uphendule ngokuchanekileyo ukuba ubeke uphawu phezu ko'D'.

2. Landelelanisa izivakalisi ezisixelela ngendlela yokuhlamba amazinyo.
Nombola izivakalisi ngamanani 1-4 kwibhokisi echanekileyo.

Manzisa ibhrashi.	
Pula umlomo wakho.	
Xukuxa amazinyo.	
Beka intlama yamazinyo kwibhrashi.	

Uphendule ngokuchanekileyo ukuba ulandelelanise amanani ngolu hlobo: 1, 4, 3, 2.

3. Biyela unobumba osecaleni kwempendulo echanekileyo.

Ndithwala u ...

A mqheba.

B mnqwazi.

C mnqayi.

D mnqweno.

Uphendule ngokuchanekileyo ukuba ubiyele u'B'.

Kuvavanyo lwakho uza kuphendula eminye imibuzo efana nale ugqiba kuyiphendula.

Uvavanyo luqala kwiphepha elilandelayo.

1. Jonga kum fanekiso ongezantsi.

Sesiphi isandi sokuqala esisemva kwesikhamiso kum fanekiso ngamnye?

Bhala isandi kwibhokisi engezantsi kom fanekiso.

1.1 ……

1.2 ……

2. Khetha igama elichanekileyo lom fanekiso ngamnye kula magama akwiibhokisi ezingezantsi uze ulibhale kwizithuba ozinikiweyo.

ipeni	ijagi	imagi	inkuku

2.1 ……

2.2 ……

3. Funda ibali uze uphendule imibuzo 3.1-4.

UBonga ubhiyozela ukugqiba iminyaka emithandathu namhlanje. UPhamela udade wabo umpha ibhethi leqakamba. Ukuvuyela kakhulu ukudlala ngalo. UBonga nosapho lwakhe baya epakini ngemoto.

UBonga uthwala ikepusi yakhe xa eza kudlala iqakamba.

Utata wakhe umphosela ibhola yeqakamba. UBonga uqhokra ibhola ngebhethi lakhe aze abaleke kakhulu. Umama noPhamela bamqhwabela izandla bevuyisana naye. Usapho luyonwaba epakini.

[Yenzelwe iDBE]

3.1 Fakela uphawu (**x**) ebhokisini enempendulo echanekileyo.

Khetha isihloko esifanelekileyo sebali.

Ukudlala nabahlobo.	
Wonwaba kumyezo wezilwanyana.	
Bonwaba epakini.	

3.2 Phendula lo mbuzo.

Mingaphi iminyaka kaBonga?

UBonga uneminyaka e.....

3.3 Landelelanisa iziganeko ngokwasebalini.

Nombola izivakalisi ngamanani 1-3 kwibhokisi echanekileyo.

UBonga u t hwala ikepusi yakhe.	
Bayonwaba epakini.	
UBonga no t a t a wakhe baya epakini.	

4. Biyela unobumba onempendulo echanekileyo.

Kwaku t heni ukuze uBonga a t hwale ikepusi yakhe?

Wa t hwala ikepusi yakhe kuba wa...

A yonwabile.

B yesi t sha.

C yediniwe.

D yekha t hazekile.

5. Jonga um f anekiso.

Ngum f anekiso wan t oni lo?



Lo ngum f anekiso we.....

6. Beka uphawu (**x**) kunobumba okwibhokisi engen t la kwempendulo echanekileyo.

Yeyiphi eyona n t o inzima kunezinye?

A	B	C	D
			

7. K r wela umgca uku t sha t isa isivakalisi nom f anekiso ochanekileyo.

U t a t a udlala iqakamba.	UBonga u t hwele ikepusi yakhe.



8. Bhala kwakhona esi sivakalisi.

Fakela unobumba omkhulu kunye nesingxi.

Ubonga udlala iqakamba epakini

.....

9. Isibizo ligama lomntu, lento nelendawo.

9.1 Biyela unobumba osecaleni kwesibizo esichanekileyo.



Inkwenkwe iqhokra ibhola nge.....

A moto.

B nethi.

C bhethi.

D methi.

9.2 Fakela isibizo esishiyiweyo.

Umama uqhuba i.....



10.1 Jonga umfanekiso uze ubhale isivakalisi sibe **sinye** ngawo.

Khumbula ukuqala isivakalisi ngonobumba omkhulu uze ufake isingxi ekugqibeleni kwisivakalisi.



……

10.2 Bhala izivakalisi **ezibini** ngalo mfanekiso.

Khumbula ukuqala isivakalisi ngonobumba omkhulu uze ufake isingxi ekugqibeleni kwisivakalisi.

.....

.....

.....

.....

.....

.....

.....

EWONKE: 20